ISIXHOSA SECOND LANGUAGE SG PAPER 2

Abavavanywa abaqhubanga kakuhle, yaye kubonakala ngathi abalufumenanga uqeqesho olwaneleyo. Ixesha elininzi abafundi baziqashisele iimpendulo zabo abanye banika iimpendulo ezingadibenanga neencwadi zabo. Oku kuchaphazele bonke abavavanywa nababucala.

Kukho abafundi abazamileyo nangona oko kunganelisi. Imibuzo ekweli phepha ibililungele inqanaba lika-SG.

Ootitshala kufuneka bacwangcise ixesha elaneleyo lokufundisa uncwadi. Abafundi babucala kufuneka baziswe kwangethuba ukuba baza kufunda eziphi iincwadi kuloo nyaka.

Ukuba oku kuyenzeka, kuya kwenza ukuba kube lula ukuphendula imibuzo, ngakumbi leyo ifuna ulwazi lwemveli.

Siyavuyisana nabafundi abazamileyo, singabalibalanga nootitshala babo abasebenzileyo. Abafundi babucala mabathabathe inxaxheba yokubuza ngomsebenzi wonyaka lowo baza kubhala ngawo.